## EMAKUQATSHELWE XA KUMAKISHWA

- Le memorandam ilungiselelwe ukuba ibe sisikhokelo kubakorekishi.
- Le memorandam iza kuxoxwa nesigqeba sokukorekisha phambi kokuba kuqalwe ukukorekisha kumaziko okukorekisha.
- Iimpendulo zabaviwa kufuneka zinikwe ingqwalasela ngokokufaneleka kwazo.

## IZIKHOKELO ZOKUKOREKISHA

1. Xa umviwa ebhale iimpendulo ezingaphezulu kwezilindelekileyo, makisha impendı esekuqaleni kuphela. **(Umviwa akuvumelekanga ukuba aphendule umbu osisincoko nombuzo omfutshane kudidi olunye kwijenri enye.)**

2. Xa umviwa ephendule yomine imibuzo kwiCANDELO A (imibongo efundisiweyo korekisha kuphela emibini yokuqala.

3. Xa umviwa ephendule imibuzo emibini emifutshane okanye imibuzo emibini esisincoko kwiCANDELO B nakwiCANDELO C, makisha umbuzo wokuqala kuphela ungawuhoyi owesibini. Ukuba umviwa uphendule yomithathu imibuzo (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) okanye yomine imibuzo (kwiDrama), korekisha kuphela impendulo yokuqala kwiCANDELO ngalinye, xa kwenzekile ukuba uphendule umbuzo omnye omfutshane nomnye osisincoko.

4. Xa umviwa enike iimpendulo ezimbini ibe eyokuqala ingachanekanga, elandelay ichanekile, korekisha eyokuqala **ungayihoyi** elandelayo.

5. Xa iimpendulo zinonjolwe ngokuchanekileyo, korekisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemorandam.

ÉcoleBooks

6. Xa upelo olugwenxa luguqula intsingiselo, yihlabe loo mpendulo. Xa intsingiselo ingaguqukanga ngenxa yopelo olugwenxa, yimakishe loo mpendulo.

7. *Imibuzo esisincoko*

   Xa impendulo yombuzo osisincoko imfutshane kunoko kulindelekileyo ngokwenani lamagama, musa ukumohlwaya umviwa kuba sele ezohlwaye ngokwakhe. Xa impendulo yombuzo osisincoko inde kakhulu, phicotha ngokwempendulo ayibhalileyo wandule ukuyigqithisela kumkorekishi ophezulu. Sebenzisa irubriki yokuhlola ekwisihlomelo esinguA nesinguB ukuhlola izincoko zabaviwa.

8. *Imibuzo emifutshane*

   **Musa ukumohlwaya** umviwa ongasebenzisanga iimpawu zocaphulo xa ecaphula.

9. **Kwimibuzo evulelekileyo,** musa ukunika amanqaku ngoHAYI/EWE okanye ngoNDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Korekisha impendulo exhasayo.

10. Akukho manqaku abelwa uYINYANI/BUBUXOKI, okanye YINYANI/LULUVO. Makisha impendulo exhasayo.

11 Iimpendulo zemibuzo emifutshane mazihlolisiswe ngokupheleleyo kwayanywe kwiingxoxo eziqhubeke ngexesha lobekomgangathweni lwesikhokelo sokukorekisha.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



**ICANDELO A: ISIHOBE**

**IMIHOBE YESIXHOSA – B. NGOMBANE**

**UMBUZO 1 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

**A! NGANGOMHLABA! – S.E.K. MQHAYI**

**Amanqaku ali-10 ewonke kulo mbuzo. Ama-6 ngawomxholo aze ama-4 abe ngawolwimi kunye nesimbo.**

**Sebenzisa irubrikhi esisihlomelo A.**

- Sebenzisa ezi ngongoma zilandelayo, njengesikhokelo sokukorekisha lo mbuzo.
- Iimpendulo zinokwahluka ngokuxhomekeka kwindlela umfundi awuve ngayo umbongo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-28 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma zilandelayo**:

- Ukusetyenziswa kwesikhahlelo 'A! Ngangomhlaba ' kwisihloko, kubonisa ukuba lo mhobe sisibongo. Oku kusetyenziswa kwesikhahlelo kusetyenziswe ngenjongo yokunika imbeko njengoko lo ubongwayo eyikumkani yamaXhosa jikelele.
- Imbongi isebenzise uwalakahla lwamagama azizixwexwe nangaqhelekanga ukuphuhlisa ukuba imbongi yomthonyama izakhela amagama ukuhluba imisebenzi negalelo lalowo ubongwayo kwintlalo yoluntu'Mangqangq' iManisipaliti' endaweni yokuthi kwakuphithizela ngendlela engaqhelekanga kwisixeko saseMonti.
- Ukuphindaphindwa kwegama elisisandi/elidala umfanekiso wesandi yegama ' Ngambu-ngambu-ngambu'. Ngoku kuphindaphindwa imbongi igxininisa isandi nesingqi sentambula njengesandi esikhapha ingoma, ikwaphuhlisa nolonwabo lwabantu baseMonti ngale mini enkulu yale kumkani.
- Ukusetyenziswa kwemvano siphelo ngenjongo yokudala isingqisho lolunye uphawu lwesibongo.
- Ukuxhaphaka kokusetyenziswa kobaxo 'Lanyikima lonk' elakwaGompo oluphuhlisa indlela imvakalelo neyabenza baphuma ngobuninzi babo lolunye uphawu lwesibongo.
- Ukutyeba kwesibongo zizafobe nokuzakhela izifanadumo 'Bho-ho-ho' okucacisa ukukhala kwenkomo nokuvuma kwecamagu nabantu ngetheko elo lenziwayo ikwalolunye uphawu lwesibongo.
- Ukusetyenziswa kwempinda yesikhahlelo 'A! Ngangomhlaba'xa kuvalwa isitanza sokuqala kumqolo we-13 nowe-14 nokugxininisa ukunika imbeko kwikumkani kuluphawu lwesibongo.
- Ukusetyenziswa kwesigama esintsonkothileyo nesizisa umfanekiso ngqondweni wokujoja esisetyenziswe ngenjongo yokuvuselela imvakalelo zabaphulaphuli'kwanuk' irhuluwa nentsimbi' kubhekiswa kwindlela ekwakugityiselwana nayo ngeentetho ngexesha lentlanganiso yokugqibela awathi waphumelela kuyo uNgangomhlaba.
- Imbongi ikwasebenzise isigama esintsonkothileyo kumqolo we-17 'kwatshixiz' umti komnye' nelizisa umfanekiso ngqondweni wendlebe kubhekiswe kubunzima bedabi awayekulo uNgangomhlaba.

- Umqolo we-18 ukwangqina ukuba sisibongo esi kuba kusetyenziswe isigama esintsonkothileyo 'kwaqhawuk' imbeleko nemibeleso', imbeleko yinto yokubeleka usana eyayisenziwa ngofele kwaye yayomelele ngendlela emangalisayo kwakungekho lula ukuba iqhawuke, imibeleso ibe yimitya eyomeleleyo ekwakufudulwa kufulelwa ngayo izindlu nayo yayomelele kakhulu kungekho lula ukuba iqhawuke. Imbongi isebenzise esi sigama ukuphuhlisa ubunzima bedabi ngokude kuqhawuke izinto eziqhawuka nzima ngokubhekiselele ekulweni kwabazalanayo kude kuphele ubuhlobo.
- Ukusetyenziswa kophawu lomelo (') ukudiza isantya sokuphala kwembongi xa ibonga ,ukugxalathelana kwezimvo kunye nokusetyenziwa kophawu lokhuzo (!) olutyhila indlela eziphalaza ngayo izimvo zayo ide ibengathi iyakhuza kanti ikwabethelela oko ibonga ngako kwesi sibongo zezinye iimawu zesibongo.
- Ukusetyenziswa kombuzo-buciko kumqolo we-20 nowe-21 'Bebedityaniselwa ntonin' abangaka?', Kuphuhlisa ukumangaliseka bubuninzi babantu kweli theko, 'kusaphuk' imikhonto nje siphina?' ukubethelela ingcamango yokuba bekwenzeke impazamo.
- Ukusetyenziswa kwesigama 'inkwenkwezi ifumanekile', okubonisa ukuncoma okungafihlisiyo isenzo sobuthanda-zwe sikwalolunye uphawu lwesihobe
- Ukusetyenziswa kwesihlonipho kumqolo we-27 'wagcinen' amadun' akowethu',esibhekise kumathole ohlanga elibethelela ukuba iinkosi mazithotyelwe kuba ziintloko zohlanga lolunye uphawu lwesibongo.
- Ukungacwangciswa kwemiqolo luphawu lwesibongo njengoko imbongi yomthonyama ingacwangcisi, isuka idanduluke ibonge yakuchukumiseka.
- Ukwaziwa kuka S.E.K. Mqhayi obongayo kwesi sibongo njengembongi yomthonyama kuqinisekisa ukuba ngenene esi sisibongo.
- Ukuphethwa kwesibongo ngo 'Ncincilili' lolunye uphawu lwesibongo nanjengoko isibongo sibanendlela esiphethwa ngayo kuxhomekeke kulowo ubongayo.

**UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**INYIBIBA – J.J.R. JOLOBE**

2.1 Intsingiselo ngcalo yokuzifihla kukuzenza ngokwakho ukuba ungabonwa ngenjongo, kuchasene nokuqaqamba ngokuba ukuqaqamba kukubonakala nangona ifihlakele ungaziqaqambisanga. √ Luchasaniso oluzisa intsingiselo yokuba ubuhle batyhuluba bayenza yabonwa nangona yayizama ukungabonwa. √ (2)

2.2 "Izityalo ezithile, zaye zimi zijikele". √ (1)

2.3 Isimntwiso sifanisa izinto ezingengobantu nabantu ngokuzenza ngathi zenze izinto ezenziwa ngabantu. √ Isimntwiso ke ngoko sidala umfanekiso ntelekelelo wenyibiba eqhayisa ngobuhle ngokufanayo nokwenziwa ngumntu xa ithi iphakamise intloko. √/ Ie miqolo idala umfanekiso ntelekelelo wentyatyambo ezenzo, zifana nezomntu ozenza avelele kwabanye, abonakale kuwo wonke umntu ngentloko emibala egqamileyo. √

(Nayiphi na kwezi) (2)



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM


2.4 Ndiyangqina kuba imbongi ithi yathokoza intliziyo yayo. √ kwabakhona ukufudumala engenakukuchaza mhla ibona loo nzwakazi. √

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

2.5 Isifanadumo. √ (1)

2.6 Lo mbongo ufundisa ukuba inyibiba iyintyatyambo egqwesayo ngobuhle √√/ ubuhle bayo buphuma izithuba abulinganiswa nobezinye iintyatyambo nokuba ikhula kwiindawo ezifihlakeleyo √√/ Inyibiba yintyatyambo ebuhle bunganyamezelekiyo obakhelayo ngaphakathi kulowo uhlangene nayo √√/ inyibiba lumelo lobuhle beentyatyambo beenzwakazi ngenxa yokuba iyinkulelane yeemeko ezinzima √√/ iqaqamba sele ikhule phantsi kweemeko ezikhangeleka zingenakuyila ziphumo zihle. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[10]**

**UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**UMFIKAZI UCHARLOTTE MANYHI MAXEKE – S.E.K. MQHAYI**

3.1 Izandi oo 'rh noo 'x' banika intsingiselo yokuba ungumama owenza izinto ezicekisekayo kwabanye abantu. √√ (2)

3.2 "Igqibil' intomb' asemzini. √/ "Igqibil' intomb' aseLusuthu. √

ÉcoleBooks

(Nayiphi na kwezi) (1)

3.3 Lo mbuzo buciko udala ifuthe lokuba imbongi inexhala malunga nokuba ngubani oya kudlala indima kaCharlotte njengoko engasekho. √√/ Lo mbuzo buciko uvuselela izazela kubantu basetyhini malunga nokuba baqhubeke noko kuhle abekwenza uCharlotte ngexesha esaphila. √√

(Nayiphi kwezi) (2)

3.4 Ndiyangqina kuba imbongi ngokwayo ithi 'Menzeleni iiltye ze siqhayisele ngalo amavilakazi'. √/Ithi 'Az' angaz' alityalwe kowabo' √/ 'Az' angaz' alityalw' emhlabeni' √/ 'Az' a ngaz' alityalw' eAfrika'. √

(Nasiphi isibini kwezi.) (2)

3.5 Luphindaphindo oluthe ngqo. √ (1)

3.6 Yeyokuba uMfikazi uCharlotte Maxeke ubenemisebenzi emihle esizweni √√/ Yeyokuba imisebenzi kaCharlotte ifanelwe kukudunyiswa kwaye ifanele ukuba nabalandeli. √√/ yeyokuba ubenexabiso eliphezulu kwisizwe uCharlote ngemisebenzi yakhe yakukhathalela abantu abahlelelekileyo √√// Yeyokuba uCharlotte ubelulutho emhlabeni nangokusungula iimanyano zoomama nasezinkonzweni. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[10]**

**UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**UNOZAKUZAKU – Z.S. QANGULE**

4.1 Abakhulu ngabantu abadala, abanci ngabantwana. √Luzisa intsingiselo yokuba wonke umntu uyancaza kunozakuzaku. √ (2)

4.2 "Intomb' iyazimela unin' ambathe".√ (1)

4.3 Le mibuzo inefuthe lokuqaqambisa ixabiso likanozakuzaku lokuba konke kubuzwa kuye √√/ okanye kuninzi okungumgomo kanozakuzaku kumsebenzi wakhe wokuzakuza. √√/ Le mibuzo ikule miqolo ibonisa indlela egxalathelana ngayo imibuzo equlethe iimfuno zabantu bakulontombi kunozakuzaku. √√ Iqaqambisa ubuninzi bezinto eziye zifunwe kunozakuzaku ngabantu bakulontombi. √√/ iqaqambisa ukuxakekiswa kukanozakuzaku. √√

(Nayiphi na kwezi.) (2)

4.4 Ndiyangqina kuba imbongi ithi yinkabi yamalang' ekad' inetha". √/ kuba imbongi ithi kuthenjwe yena ngasemv' ujongiwe ngaphambili. √ (2)

4.5 Sisifanadumo √ (1)

4.6 Usifundisa ngokuxabiseka kukanozakuzaku ngumntu ofanele ukuphathwa kakuhle ngenxa yobunzima bomsebenzi awenzayo. √√ (2)

**[10]**

ÉcoleBooks

**ISIHOBE ESINGAFUNDISWANGA (UKUBA USIPHENDULE)**

**UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**UMNGA – S.E.K. MQHAYI**

5.1 NguDisemba √ (1)

5.2 Iingcambu √ Ameva √ kunye namagqabi. √ (3)

5.3 Igxininisa umbulelo ongazenzisiyo kuMdali ngokudala umnga oluncedo eluntwini √√ (2)

5.4 Yimvano siqalo √ nempinda. √ (2)

5.5 Imbongi yonwabile. √ kuba incoma ubuhle boMnga idandalazisa nendlela owawuluncedo ngayo eluntwini ngexesha lamandulo. √ (2)

**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

## INOVELI

## UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

***INKAWU IDLIW' ILILA* – S Kula**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-29 ukuhlola lo mbuzo.

Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma ziandelayo.

- Liyinene elokuba impumelelo isentabeni. Imiqobo adibene nayo uMfezeko ayikhange imthibaze kwiphupha lakhe lokulusiphula neengcambu ulwaphulomthetho olugquba kule noveli. Uzamile kunzima wade wafika encochoyini yentaba, wazisa ababulali, izaphulimthetho nezizathu zolwaphulomthetho ngaphambili ejamelene nale miqobo.
- UMapheza uthatha ityala lokugwintwa kukasomashishini owaziwayo ogama linguMsindisi Yangaphi kuMfuneko Mnenga.
- UMfuneko ulilalele eli lityala kuba efuna ukugquka umkhondo njengoko wayekhe wenza njalo kwelomyeni kaNompumelelo, uChizama.
- Luqala nje uphando uMfuneko uba ngumqobo ubonakalisa ukusebenzisana noThantaswa osisaphulimthetho ngokuthi amtsalele umnxeba amxelele ukuba amapolisa asendleleni.
- UMfuneko uyayiqonda akuzi kuba lula ukuba azi ngamanyathelo athathwa nguMfezeko uthenga uNqoza ukuba ancedisane noMfezeko ukuze amazise onke amanyathelo abawathathayo yena noMfezeko ngolu phando.
- UMfuneko noThantaswa bagqiba kwelokuba makafe uMfezeko kuba kakade inkawu idliw' ilila.
- Isipolisa sixoxa ngeli tyala, uMfuneko usithela amanzi ngelithi ixhaphakile into yokuba umfazi abekwe ityala xa kusweleke indoda yakhe, ude athi ababulalali ngabantu abangathunywanga mntu zizikrelemnqa nje de agqibele ngokuthi uMsindisi ubulewe ngabantu ebebefuna imoto yakhe.
- UMapheza uthi indlela edlakazwe ngayo imoto kaMsindisi ibonisa ukuba ababulali bebengafuni zinto zakhe koko bebefuna yena.
- UMfuneko woyikisa uMapheza ngelithi kufanele achule ukunyathela ngenxa yohlobo lwetyala aliphandayo, uMapheza uyafunga uthi "umqolo uphandle kwezo zikrelemnqa kwaye ukuba zisahamba phakathi kwabantu azilibonanga eliwinayo, uMfuneko uyabona ukuba uMfezeko akazimiselanga kubuya mva kuphando lwakhe.
- UMfuneko uxoka ngoMfezeko kwamanye amapolisa uthi nguye owantama uSajini Zalala ngokuba imipu kwaye akakulungelanga ukusebenza esikhululweni.
- Ungcolisa uMapheza kuNqoza uthi nguye owantama uSajini Zalala owagxothwayo kuba etyholwa ngokuba imipu, mipu leyo eyayibiwe nguye uMfuneko, ude amthiye athi lirhamba elirhubuluzayo ekufanele ahambele kude naye amanye amapolisa.

- UNqoza ubonakalisa ukuvumelana noMfuneko kule mbono yokuba ngumqobo kolu phando ude athi akayi kufumana mixhaka ngenxa yakhe.
- UMfuneko ufumana ikroba lokumsebenzisa ngakumbi uNqoza ngokuthi maze adlulise konke okufunyenwe nguMfezeko eluphandweni kuye, lilonke abe nguKhala wakhe.
- Xa uMapheza enezinto azikrokrelayo, wenza nantoni na uNqoza enokwenza ukuba angaqhubeleki uMapheza.
- UNqoza uyigalela amanzi into yokungahambelani kwentetho kunye nexesha afowune ngalo uThantaswa elingahambelani nexesha lokwenzeka kwesiganeko.
- UMapheza ingqondo yakhe ayisuki ekubeni umfazi kaMsindisi unayo into ayaziyo ngokufa komyeni wakhe.
- UNqoza ukayekanga ukumana esazisa uMfuneko ngeziphumo zophando.
- UThantaswa ude abuze ukuba kanti lo Mapheza ufa nini. UMfuneko ucinga ngexhwele lakhe uNyangelethu ukuba lingamncedisa ukususa uMapheza endleleni yabo, lo xa yena uThantaswa eyibona izolibazisa leyo yena emfuna ngembumbulu emehlweni.
- UMfuneko uya exhweleni unikwa umgubo, usebenzisa uNqoza ukuba awugalele esiselweni sikaMfezeko kwi after-tears, aphathwe sisisu segazi uMfezeko esiyokumgalela esibhedlele.
- UMfuneko umana ukufowunela uZintle esibhedlele ebuza ngoMfezeko.
- Akuva ukuba uchacha kuhle esibhedlele uMfezeko, uyelenqa ukumba esibhedlele amse kuNyangelethu ngenjongo yokuba amtshise nguvutha libhange nelo icebo.
- Esesibhedlele njalo uMfezeko ooSixaki bangena endlwini kaMfezeko bayagoqulula bafuna nantoni na enokuphazamisa kolu phando bawe phantsi.
- Bayamba esibhedlele ngobusuku bamsa exhweleni, baviwe ngumkhwetha kaSiphongo ogama linguNontsikelelo bethetha ngokumtshisa. Neli libhanga ngokuthi uNontsikelelo amlumkise uMapheza ngokuza kwenzeka abaleke asinde uMapheza. Ngelishwa kutsha unyana kaNyangelethu othe ngokunxila wangena kuloo mkhukhu ubulungiselelwe ukutshisa uMapheza.
- UMfuneko uhambisa iindaba ezingeyonyani zokusweleka uMapheza esipoliseni, amapolisa ayafika kwaMapheza axelelwa ukuba uMapheza uyaphila atyhilwe uMfuneko.
- Ubuyela emsebenzini uMapheza, uMfuneko noNqoza bayanqunyanyiswa emsebenzini.
- UMapheza uyaliphanda ityala likaMsindisi ngaphandle kweziphazamiso abafumane ababulali ngokuxelelwa nguBhanqo noMbuzeli emva kokubathembisa nangamabhaso ancumisayo.
- Bayagwetywa ababulali bakaMsindisi emva kokuloqa yonke into.
- UNqoza noZalala bayabona ukuba uMapheza khange enze bubi koko nguMfuneko.

Ukuphumelela kukaMapheza kwimiqobo emininzi nezabatha azibekelweyo kububungqina bokuba ngokwenene impumelelo isentabeni.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



**UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***INKAWU IDLIW' ILILA* – S. KULA**

7.1 NguBhanqo oze nolwazi oluncede uMapheza ukuze kubanjwe izikrelemnqa. √ Uye wathetha ngokuphandle ngexesha enxilile kwaMbuzeli ukuba yena uyabazi ababulali bakaMsindisi wazisa nokuba usela nabo yonke imihla apho kwaMbuzeli. √ Nguye ontame ababulali bakaMsindisi kuMapheza. √

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (1)

7.2 Ziluqhubele phambili ngokuba zange abenako ukubika akubonayo ngoko nangoko kwaze oko kwanika ithuba izikrelemnqa ukuba ziphumeze umsebenzi wazo wokubulala. √√/ukoyika imibuzo yamapolisa nako kwenze ukuba anganikisi ngolwazi kwangoko lwahambela ngokuthi kuthengiswe nemipu kungekho ulandelayo de kwafika ingalo yomthetho ngophando lukaMapheza. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

7.3 Zange abambelele. kuba ekupheleni kwebali uthe ephantsi kweempembelelo zotywala watsho ukuba amapolisa azizidenge akawazi umsebenzi wawo yena uyabazi ababulali bakaMsindisi wababona ngawakhe amehlo. √√ (2)

7.4 Wazi iingcinga zikaMfuneko noBhanqo. √/Ubona izinto ezibonwa nguBhanqo. √/Uva izinto eziviwa ngeendlebe ngabanye abantu kwindawo angekhoyo kuyo. √/Usoloko ekwindawo enomlinganiswa ngamnye nokuba uzifihlile loo mlinganiswa naku esixelela okuqhubeka kula ndawo azimele kuyo uBhanqo. √

(Nasiphi na isibini kwezi.) (2)

7.5 Udlala indima yokuba lixhoba lolwaphulomthetho. √ kuba ulwaphulomthetho lwenziwe kuye ukuze lube luyaphandwa √/ kukugwintwa kwakhe okwenze kubanjwe izaphulimthetho nokwenze ukuba ziphandwe izaphulimthetho. √/ kuba bekufuneka kubekho umntu olwenziwe kuye ukuze lube lulwaphulomthetho. √

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

7.6 Ubonakalise ukuthanda imali eza lula uMfuneko ngokuthi kucace ukuba angakhuthuza noMsindisi ongasekhoyo √/ Uyithande imali kangangokuba athengise izixhobo zasesipoliseni ngeenjongo zokufumana imali esithi wongeza umrholo wakhe √/ Uxolele ukuba zibe nkone izandla zakhe ngexesha efuna ukubulala uMapheza kuba ephanda ityala lokugwintwa kukaMsindisi. √/ Uzibandakanya noThantaswa kwizenzo zobugewu eziquka ukubulala uMsindisi emva kokuba ebethengise ngetyala lokufa kukaChizama. √/ ubekho kumayelenqe amaninzi ejonge imali kaMsindisi ukuquka ukutshintsha iincwadi zelifa likaMsindisi noMdlambila ukuze bayifumane imali kaMsindisi. √/Ngexesha ebuyelana noThantaswa obesele ehlukene naye kuba ejonge imali yelifa likaMsindisi. √

(Nasiphi na isithathu esichanekileyo siya kwamkeleka.) (3)

7.7 Zizifake engxakini kuba izinto ezazithathayo ze zazithengisela abantu zazibizela amanzi ngomsele. √√ (2)

7.8 Kukufuna ukuba abantu bakholelwe ukuba uMfezeko nguye othengisa ngabantu ekubeni konke kusenziwa kwanguye. √ (1)

7.9 Bebekunye kumayelenqe okuphazamisa uMapheza kuphando lokugwintwa kukaMsindisi Yangaphi.√/Bakunye kwiyelenqe lokudlisa uMfezeko ngetyhefu. √/ Bakunye kwiyelenqe lokuba uMapheza ngobusuku esibhedlele bamse kwaSiphongo. √

(Nasiphi na isibini esichanekileyo.) (2)

EcoleBooks

7.10 Sisiganeko sokutsha konyana kaSiphongo. √√ (2)

7.11 Ulilandele ngokuba ubesoloko efuneka kumayelenqe amaninzi akule noveli umzekelo xa kugqukwa umkhondo wetyala njengoko wenzayo kwityala lokugwintwa kukaChizama nokugwintwa kukaMsindisi. √√ (2)

7.12 Sesokuba bebelindele ukuba bangcwabe uMfezeko suka uMfezeko wangcwaba bona nanjengoko basweleka esaphila. √√ (2)

7.13 Bubenesiphelo esibi kuba baphela benqunyanyiswa emsebenzini. √√ (2)
**[25]**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



**UMBUZO 8 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

**NYANA WAM! NYANA WAM! – WK TAMSANQA**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-29 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

- Liyinene elokuba impumelelo isentabeni. Imiqobo adibene nayo uThole ayikhange imthibaze ekufezekiseni amaphupha akhe. Uzamile kunzima wade wafika encochoyini yentaba.
- Kwasekuqaleni kule ncwadi sidibana noThole sele ephumelele enguchwenene womfundisi osel'efunde de wayityekeza. Ukuze uThole abe ufikelele kweli nqanaba akulo lempumelelo ibe yimigudu namahla-ndinyuka ngenxa yemiqobo nemingeni athe wahlangana nayo.
- Ubomi bakhe ubuqala ngendlela engathembisiyo kuba uthe emva kokuyeka isikolo kuba abazali bakhe bengakwazi ukumelana neemfuno zesikolo ezinjengeemali ezihlawulwayo neyunifom waphala elizweni engenasizinzo.
- Xa efika evela eRhawutini udibana nabahlobo bakhe uThemba noSonwabo abaphila ubomi obungenanjongo zakuphumelela ebomini babo.
- Uzibona sele eseBhayi uThole ngenxa yeempembelelo zaba bahlobo bakhe phofu engazazi nokuba uye njani. Isizathu soku kukuba aba bahlobo bakhe bamkhwelise emotweni ebheka eBhayi baze bamntyintya ngotywala nto leyo wayengazange wayenza ebomini bakhe.
- Kwelo laseBhayi uThole uzama ukuzenzela ubomi ngokuthi azifunele umsebenzi. Kwakhona kwalapho eBhayi uthi athandane nentombi egama linguNomsa adibene nayo edolophini. Uzibona sele esengxakini yokuphantsa ukubulawa ngumgulukudu onguJoe neqela lakhe. Lo Joe wayethandana noNomsa.
- Uthabatha isigqibo sokuba agoduke nanjengoko wayehambe ekhaya engaxelanga ngenxa yaba bahlobo bakhe bangamatshijolo. Endleleni egodukayo uphinde adibane noThemba noSonwabo, kwakhona bamkhukulisa baya kumlahla kumahlathi aseKnysna engazi kuba babesithi bayagoduka babheka eGcuwa.
- Kuloo mahlathi abahlobo bakhe bathi baqwengwa ziingonyama kwasala iintloko zodwa, uThole yena usinda ngezikaSibi apho. Nalapho eKnysna uzakhela ubomi ngokuthi azenze igqirha. Uphetha sele ephila ubomi obungcono eKnysna kuba wabanemali nemfuyo.
- Iimeko ngeemeko zamenza wafikelela kwisigqibo sokuba agoduke ngeenjongo zokuphindela esikolweni kuba wayesazi ukuba imfundo sisitshixo sokuvula kumahla-ndinyuka obu bomi. Ngoku sele egodukile akukho mntu unathemba lokuba angaze afunde kuba ubonakala emdala engenayo nemali eyaneleyo yokuya kula maziko emfundo ephakamileyo athe waya kuwo.
- Uyise owamkhulisayo uFikizolo yena wayesele eyincamile into enxulumene naye nesikolo sele efuna ukumzekela umfazi. Oku kungqinwa ngamazwi akhe athi, 'uya kuthemba xa efumana incwadi evela kuThole esesikolweni eDikeni'.

- UThole uzotywe wakrelekrele kakhulu akubuyela esikolweni kuba wabalasela kwizinto ngezinto. Umzekelo, wafika esikolweni wagqwesa ezifundweni zakhe, emidlalweni, kwiingxoxo-mpikiswano nasekushumayeleni ivangeli de wanikwa igunya lokukhwaz'umsind'ozayo ngeentsuku ezithile enikwa ngumfundisi uShepherd wade wenziwa usihlalo weS.C.A.
- Ngesizathu sokuzibalulа kwakhe kwiingxoxo-mpikiswano wachongwa ukuba abe ngumfundi oya kumela isikolo sakhe kwiYunivesithi yaseKapa. Wagqwesa apho waze wonyulwa ukuba aye kumela uMzantsi Afrika kwingqungquthela eyayiseNgilane, waphiwa nesipho-mali sokuba aqhubele phambili nezifundo zakhe ngabafundi baseUCT.
- Wafika wagqwesa nalapho eNgilane waphetha sele ebuya ezilahlele kakhulu kwezakwaLizwi. Kulapho wathi wafumana inkxaso-mali yokuqhubela phambili nokufunda ezakwaLizwi. UMangaliso wafunda kwaNokholeji de waphumelela isidanga seB.A kwezakwaLizwi. Ukufumana kwakhe isipho-mali kwenza ukuba akwazi ukuqhubela phambili nezifundo zakhe phesheya kweelwandle. Waphumelela emagqabini de waba naso nesidanga seMaster of Divinity kunye nesePHD, zozibini ezifumana eOxford University eNgilane.
- Ayikhange ilindeleke into yokuba uThole angaphetha sele engumfundisi ophethe esoyisa neengxaki zaseGeorge Goch ndawo leyo yayidume ngokweyelisela abefundisi kwiziyolo notywala. Ukutshata nokuthandana kwakhe noThozama kube negalelo kwimpumelelo yakhe. Kwimpumelelo yakhe eGeorge Goch udibana noyise ubaw'uMkwayi engalindelanga nawayengasenathemba lokuba uya kuze aphinde ambone.

Oku kuphumelela kwakhe kungqina ukuba ngenene impumelelo isentabeni kuba naku uMangaliso ephumelele noxa imiqobo ebibekwa endleleni yakhe bekungekho lula ukuyisusa.

(**Nayiphi na impendulo echanekileyo)**

**UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**NYANA WAM! NYANA WAM! – WK TAMSANQA**

9.1 Bamxhaphaze wade wathatha isifungo sokusebenzela inkosi wade wacinga ngekhaya wenza namalinge okugoduka. √ (1)

9.2 Kuncedisene ngokuthi kumtsho enze isibhambathiso esimenze wasebenza nzima wade wazifezekisa. √√ (2)

9.3 Wabambelela. kuba liphele ibali sele engumfundisi esebenzela uThixo. √√/ Zange abambelele okokoko kuba wakhe waphokela endleleni kodwa wabuyela emva kwamaphupha amabi. √√ (2)

9.4 Ukwazi iingcinga zikaThole ngexesha enoJoe neqela lakhe. √/Ubona izinto ezibonwa nguThole. √/ Usoloko ekwindawo enomlinganiswa ngamnye nokuba uThole uvalelwe kodwa uyasixelela okuqhubeka kulaa ndawo akuyo. √

(Nasiphi na isibini kwezi) (2)



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



9.5 Abangobachasi ngamatshijolo nje ahamba indlela yawo √ kuba bakusweleka akukho nanye umqobo ophinde wavala endleleni kaThole. √ (2)

9.6 Ngexesha eseNgilani. √ Ngexesha eseGeorge Goch. √ nangexesha sele evule ibandla ngakowabo eZazulwana. √ (3)

9.7 Kukugaxeleka kwiingonyama kwihlathi laseKnysna ngexesha ehamba noThemba noSonwabo. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

9.8 La mazwi azalwa kukuba bebecingela ukuba uThole wafa ngexesha iingonyama ezaziqwenga abahlobo bakhe awayehamba nabo uThemba noSonwabo. √ (1)

9.9 Ukumhokamhokana nokulilelana kukaThole noFikizolo. √ Iinyembezi zovuyo ezaziphalala kuNofundile noNokhaya. √ (2)

9.10 UFikizolo ngenxa yebanga eli besele ekulo uThole besele embonela ukuthatha umfazi. √√ (2)

9.11 Ulilandele kuba kube nguMangaliso ukubuyisa kwakhe uyise ekudala watshipha.√√ /Ulilandele ngokuthi avuse ibandla laseGeorge Goch elaliselincanyiwe√√/Ngokuba kube ngumangaliso ukusinda kwakhe kwingonyama selede wazisa kuyo.√√/ iintshumayelo zakhe bezingummangaliso kuwonkewonke.√√ ngokuthi ephuma kwisizalo seqaba aphele sele engumfundisi.

ÉcoleBooks

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

9.12 Sesokuba abantu bebecinga ukuba kukho umntu oswelekileyo kanti bavuyela ukuba komntwana wabo. √√ (2)

9.13 Sibe sihle kuba liphela ibali uThole etshate noThozama oyintombi kaMaSuthu. √√ (2)

**[25]**

**UMBUZO 10 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N. SAULE**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-29 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

- Liyinene elokuba impumelelo isentabeni. Imiqobo adibene nayo uMfazwe ayikhange imthibaze ekufezekiseni amaphupha akhe. Uzamile kunzima wade wafika encochoyini yentaba. Owona mqobo endleleni yakhe nguRhulumente wengcinezelo osandla sakhe yayingamapolisa, amajoni kunye neempimpi.
- Uyafunda ade abe ngutitshala wezembali khondo elo ebengafuni lona kodwa ngenxa yemeko yezopolitiko wanyanzeleka. Oku kumnike ithuba lokuvuleka kwezopolitiko. Ulwazi analo luyamtshisa, uphokozela wonke akufutshane naye, eklasini urhabulisa abafundi, kwigumbi lootitshala urhabulisa oogxa bakhe ukanti nasekuhlaleni akabayekanga abahlali.
- UMfazwe uzibona ebanjwa kuba kusithiwa unyola umbuso esweni ngeemfundiso zakhe de wavalelwa. Emva kokungcungcuthekiswa ngeendlela ezahlukeneyo uyacelwa ngamapolisa ukuba abe ngungcothoza, akavumi. Ukhonjwa kubunewunewu obuphilwa ngooFriday, Ndlela noNtsipho njengendlela anokuphila ngayo ukuba angasamkela esi sicelo. Wazixelela ukuba angekhe athengise ngegazi labantu bakokwabo.
- Uyakhululwa ekuvalelweni ufika litshe liluthuthu ikhaya lakhe. Ufika amapolisa sel' etyale umoya wokuba uyimpimpi. UGaba noCwe xa edibana nabo bamganga ngolu lwimi aphela emqaleni kuye ngesi sityholo afika esibekwa ekuhlaleni. Kwiindibano zoluntu akamkeleki.
- Emva kokuthetha noCwe uya kwintlanganiso eseholweni apho wasinda ngezikaSibi bemthuka bembetha abantu ngokufunzwa nguFriday enye yeempimpi zikaRhulumente.
- Xa etyekezwa ngabantu ngolu hlobo ubalekela emangcwabeni nawo phofu angawathembanga ukuba akangevuki amjikele. Intliziyo yakhe ibuhlungu kuba ebukulwa ngabantu ahlala nabo bambi benjengezihlobo kuye. Iyamkhathaza le nto, ngakumbi xa ecinga ukuya kokwabo.
- Akaphelelanga apho ekumgxothiseni uFriday uye wahlala kwizithende zikaMfazwe enamahlakani akhe. Sibona kwaGaba elala kwimoto endala. Bayafika uFriday neqela lakhe sebejolise imikhono yekati, ngethamsanqa wabe sele ephumile kuloo moto, ekhethe ukubalekela eSihlahleni kwamalume wakhe, engqondweni efuna eyona nto uFriday amzungulela yona.
- Kwincoko yakhe noGaba uve ukuba amapolisa abulele abantwana besikolo. Wazimisela ukuba ngenene uyaya emingcwabeni yabo nangona abantu bakuQaka bemjonga ngeliso lobumpimpi. Siyiva loo nto utat'omncinci kaMachule xa ethetha ukuba kungenxa yale mpimpi ukuze babe bakwazile ukungcwaba ooMachule.
- Emva komngcwabo simbona uMfazwe ecetyiswa nguSiphiwo omde noSiphiwo omfutshane ukuba abaleke xa kucaca ukuba ufunwa ngamehlo abomvu. Ubalekela kwaMfundisi uHlathi ngelokuzisindisa. Apho kwakhona uyajikelezwa nguFriday namahlakani akhe, akukho ukonwaba kuye. Endleleni ezincamayo esiya kujongana ngqo noFriday uphazanyiswa yincwina ephuma emotweni eyiCressida. Uthe efuna ukunceda wabona umngcipheko anokuba uzifaka kuwo wakhetha ukuphindela kwaMfundisi uHlathi.
- Uyabhaca ngokunyanzelwa nguMfundisi uHlathi ngokubona ukuba izihlangu zakhe ezinqongo ligazi zingamfaka engxakini ngokungathi nguye obulele abo bantu. Enye into kuyanyanzeleka ukuba uFriday neli tyholo asithele ngalo bangayekwa nje ukuze abantu bakhululeke kwingcinezelo.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



- Endleleni eya elubhacweni zininzi izinto eziyimiqobo kwindlela yakhe. Amapolisa akayenga ukumkhangela ade abe uyatsiba kuloliwe ngobusuku akhethe ukuhamba ngeenyawo. Uyalunyukiswa ngumzingeli ngelithi le ndawo ahamba kuyo ngummandla kafayayo kunjalo nje abasindi abantu kuyo. Ngenxa yoncedo alufumane kumzingeli uMfazwe ukwazile ukumelana namapolisa ayemthelekisa noogxa babo kuloo ndlela iya kujoyina iNtsimb'ebomvu.
- Ngobukrelekrele bengqondo yakhe uMfazwe ukwazile ukubonisa amaqabane ukuba akayiyo impimpi. Uyanyulwa abe kwiqela lokumela uMzantsi Afrika kwisithebe sengxoxo eRhawutini. Ubuya apho uFriday sele eneqela lakhe lopolitiko kodwa uFriday kuyafunyaniswa ukuba unenxaxheba ayidlalileyo ekubulaweni kwabantu. UMfazwe ngoku seyinguye ochophele elo tyala likaFriday njengejaji. Kube yimpumelelo ukukhulula isizwe sabaNtsundu kwingcinezelo yamaBhulu. Satsho sabuya isidima somntu oMnyama.
- Oku kuphumelela kwakhe kungqina ukuba ngokwenene impumelelo isentabeni kuba naku uMfazwe ephumelele noxa imiqobo ebibekwa endleleni yakhe bekungekho lula ukuyisusa.

(**Nayiphi na impendulo echanekileyo)** **[25]**

**UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**UKHOZI OLUMAPHIKO – N. SAULE**

11.1 Utyholwa ngokubulala abantu abaye batsha neveni ebeqabele kuyo naye uMfazwe koko yena uye wakwazi ukuphuma abaleke wabe uyasinda ngolo hlobo. √ (1)

ÉcoleBooks

11.2 Zilikhulise ngokuba zimenze walandelwa ngabamtyholayo waze wancedwa ziingcebiso zokuba awele imida nayo eyayingeyondlwaniyanetha wabuya elubhacweni sele engumantyi ochophele ityala labo babemphethe kakubi. √√ (2)

11.3 Wabambelela√ kuba zange abenguye koko wasuka wabhaca eshiya abo babemtyhola wayolwela amalungelo abahlali. √ (2)

11.4 Indlela acacisa ngayo xa ebalisa into kuyabonakalisa ukuba uthetha ngento eyayisenzeka kuye. √ Ukusebenzisa uphawu lomntu wokuqala xa ebalisa kubonisa ukuba lomntu unolwazi olunzulu ngebali. √ Ukwazi engaxelelwanga mntu ukuba u 'Nguwe' lisekela lakhe eli wayesiya kusebeza kulo. √

[Nayiphi na impendulo echanekileyo] (2)

11.5 Ngabachasi. √ kuba ebengafuni mntu uza kukhulula abantu abamnyama phantsi kwengcinezelo kanti yena uMfazwe wayesebenzela ukukhulula abantu abamnyama. √ Ngawo ebeseloko esima phambi kweenjongo zikaMfazwe zokukhulula abantu abamnyama. √ (2)

11.6 Uye wakwazi ukususa imiqobo ebisendleleni yakhe wakwazi ukufikelela kwiinjongo zakhe zobomi. √ Uye wakwazi ukuphumelela kwizityholo ebetyabekwa ngazo ngexesha ekuQaka. √ Uye wakwazi ukumelana nemiqobo adibene nayo ngexesha esendleleni eya elubhacweni. √ Uye wakwazi ukumelana nemiqobo adibene nayo sele efikile eseMthontsi. √

[Nasiphi na isithathu esichanekileyo] (3)

11.7 Wayeyinikwe nguMzolisi ngexesha emthumela eMgazi. √√ (2)

11.8 Kukuba wayengafuni ukubizwa nguSiphiwo ngecombrade ngelithi abazontanga mdala yena kunaye. √ (1)

11.9 Kwasesikolweni ngexesha esengumfumfu uSiphiwo wayehleli eyibona into yokuba akayiyo impimpi uMfazwe loo nto uyibonise ngokumsindisa ngexesha wayeza kubulawa ngabafana ababini ababethunyelwe nguFriday ngemini yesingcwabo sikaMachule. √ Ukubasemzabalazweni bobabini. √ Imisebenzi eliphele ibali beyenza. √

[Nayiphi na impendulo echanekileyo] (2)

11.10 Sisiganeko sokuhlasela komkhosi waseMzafrika eMthontsi. √√ (2)

11.11 Ulilandele ngokuba uye wakwazi ukulwa wawatsiba onke amayelenqe ebewenzelwa nguFriday de waphumelela ekugqibeleni. √√ (2)

11.12 Sesokuba uMfazwe obefudula ebonwa njengempimpi kuQaka etshutshiswa kodwa ngoku lahlambeka elo bala ungomnye wabazabalazela inkululeko. √√ (2)

11.13 UMfazwe ubefudula engumfundisi ntsapho efundisa abantwana ngamalungelo abo √ ukanti yena uSiphiwo liphela ibali sele engumfundisi wakwaLizwi. √ (2)

**[25]**

**UMBUZO 12 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI SWANA**

Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina.
bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-29 ukuhlola lo mbuzo.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



- **Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

**INTSOMI**

Liyinene elithi impumelelo isentabeni. Imiqobo adibene nayo uGxuluwa ngexesha edibana naBathwa khange imthibaze ukuba anikezele ngobomi bakhe kodwa uye wenza amazwembezwembe okuzisindisa kwiintshaba zakhe.

- UGxuluwe ube ngumzingeli odumileyo wakwaRharhabe kwaye elutshaba lwento yonke esisilwanyana sasendle.
- Ubengumfo ongxolisiweyo ngenkangeleko ngenxa yeemeko aphila phantsi kwazo njeengoko ebengenalo ikhaya ehlala endle.
- UGxuluwe ngalo mhla wayezingela inyathi ehamba namadodana amabini, uMavivi kaXhongo noKhweza into ka kaGxugxa.
- Bafika xa libantu bahle bayibetha inyathi kwisixhotyana esibuwana esiphezu komlambo.
- Kuthe gqi abaThwa, babuzile ukuba ungumntu waphi, usebenzise iqhinga lokuzisindisa waphendula ngelithi ungumntu waKwaNdlambe njengoko aBathwa namaRharhabe bebeyinyoka nesele kungekho osindisa omnye xa bethene nqwakaqha, kodwa ubeye asinde yena umNdlambe.
- Baye babukela abaThwa ngelixesha amaRharhabe exhela le nyathi ayibambisileyo, ze abathwa bancaza indarha.
- UGxuluwe uye wacinga icebo ngokukhawuleza ze waphendula ngelithi bayishiye ekhaya kwaye uya kuthuma omnye wabo ukuba aye kuyiphuthuma, kodwa wamqobozela iliso ukuba ukuba aze angabi sabuya.
- AbaThwa baye abamkholwa uGxuluwe bacela ukuba ababoleke izikhali zakhe waza wabaphosela umkhonto kodwa bakhongoza becela ukuba anikezele ngazo zonke izikhali kubo.
- Ukungankanizi ngexesha befuna izikhali zakhe kuye kwamnceda kuba kuthe emva kwexesha wabuya waziboleka ngelithi ufuna ukunqemela izinja zakhe isikhumba.
- Baye bamnika izibini waza wakhala ngokubabuthuntu kwazo, waphinda wacela kwakhona ukuba bamboleke iintshuntshe zibembini baza benza njalo.
- Usebenzise elo thuba wazilola izikhali amane ukuzivavanya ubukhali esikhumbeni esika aphosele izinja, uqhubeke de zayintshengeca ngobukhali.
- Kuvakele intwana yomThwa isithi makabulawe uGxuluwe kuba ikhona into acinga ukuyenza ngezi zikhali azilolayo, kodwa abanye babo bathe makulindwe kuqale kufike indarha njengoko bekungekho nto ebebeyithanda ukugqitha yona.
- Bebemana ukuhlekisa nangeliso likaGxuluwe elityhaphakileyo kwaye bemkrokrela ukuba ungumRharhabe.
- Ide yaphumisela enye intwana yomThwa ngelithi makathethe inyani yokuba bangabahambi bobabini apho kodwa wema kwelokuba ungumNdlambe yena.
- Ibuzile enye ngokudikwa okukhulu ukuba iphi kanti le ndarha, waphendula ngelithi inokuba useDidima umntu oyiphuthumileyo.
- Uye waqhubeka umbuzo usabuza le nto inye, wasoloko ebexelela ngeendawo acingela ukuba sele ekuzo lowo bamlindileyo.

- AbaThwa baye batya ityhodam lobubende benyathi esona sidlo basithanda kunene baye bayalela abafana ababini ukuba balinde kuba bona bayalala ngenxa yokozela.
- Baye bozela nabo abafana wasebenzisa elo thuba uGxuluwe watyendela uwabo ngoshiyi esithi mabahlasele, uye wothuka ngelo xesha Kanye omnyw wabalindi kodwa ngenxa yobuthongo iye yaphinda yalala.
- Akabanga saphumisela uGxuluwe kuwabo ukuba bahlasele, baqale bathatha iintshuntshe zabo bahlaba ezi ntwana zilindisiweyo zafa ze baqhubeka babulala nabo besele belele ngenxa yokuyotywa bububende.
- Akakwazanga ukuzibamba uGxuluwa nowabo benza ingxolo ezivuma ubuRharhabe bakhe.

**ISIBONGO**

- Liyinene elithi impumelelo isentabeni. Imiqobo adibene nayo amaRharhabe ngexesha ngexesha engqzulana namaLawu kunye nabaThwa khange ibathibaze ukuba banikezele koko banyamezela de bazosela iintshaba zabo.
- Mandulo kweza uRharhabe nabalandeli bakhe bafika babeka ubilo kwintaba kaNdoda, babevela kwaPhalo phesheya koMlambo.
- Babengaboni ngasonye noGcaleka nangona bababephuma kuPhalo bobabini.
- URharhabe ugqibe kwelokuba ibe likhaya labo iNtaba kaNdoda kuba kwakusele kulithuba behamba behlala.
- Uthe mabakhe imizi, balime kule mimandla irhangqe le Ntaba kaNdoda, latsho ithole lomthonyama likhomba iziphaluka eziphahla iNtaba kaNdoda.
- Kulapho yaqala khona impalalogazi, amaLawu ayengafuni nokuva ngukuhlala kukaRharhabe kule ntaba.
- Yaqala imfazwe phakathi kwamalawu noRharhabe, laphalala igazi, bafa abantu okwezinambuzane.
- Kungekudala lwadilika udonga kwicala lamalawu, baqalisa bangenelela abaThwa, zanqoza kwakhona kuhlaselwa umXhosa.
- Zanqoza kwacaca icala, babaleka abaThwa bayifulathela loo ntaba.
- Zahamba iintsuku izidumbu zilele kuloo ntaba, zabola abasindileyo bona babephefumla nzima.
- Baberhaxwa livumba lezo zidumbu zabafi, amathambo ahlala ixesha elide engangcwatywa ngenxa yokuba maxhaphetshu.
- AmaLawu ambalwa ayesinde ngokulambisa, waye wadala uxolo uRharhabe, kwaxolelwana.
- Wananisa ngeenkomo kwinzwakazi eyayilawula ukuze azuze umhlaba.
- Wabe ngolo hlobo uRharhabe uyayizuza le ntaba phantsi kweenzima zokusweleka kwabantu ngenxa yokuyithanda.

Oku kuphumelela kukaRharhabe kungqina ukuba ngenene impumelelo isentabeni kuba naku ephumelele nangona bekungekho lula.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**


DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



**UMBUZO 13 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – M.M. SWANA**

13.1 Idlale indima yokuba zimoyike ezinye izilwanyana. √√ (2)

13.2 Siwukhulise ngokuba bezizohlala zimdelile ezinye izilwanyana uFudwazana ngenxa yembonakalo yakhe. √√/ Siwukhulise ngoku zitsho zayazi ezinye izilwanyana ukuba uFudwazana usebenzisa ingqondo ngaphezu kwamandla. √√/ Iwukhulise ngokuba kungoFudwazana ukuba ezinye izilwanyana ziyazi into yokuba amandla engqondo ayawedlula amandla ezigalo. √√

[Nayiphi na impendulo echanekileyo] (2)

13.3 Yingcinga yokuba uMvundla sesona silwanyana sithenjwe kakhulu zezinye izilwanyana. √√ (2)

13.4 Isivezela ukuba uFudwazana ungumlinganiswa othatha ixesha noqala acinge phambi kokuba enze into. √/Isivezela ukuba abantu baqala bajonge kakhulu indlela okhangeleka ngayo bakugwebe. √ (2)

13.5 Umbalisi wazi iingcinga zezilwanyana novakalelo lwazo. √ Uthetha egameni lesilwanyana √ ngasinye, ubalisa ebona nezinto eziqhubeka kwiindawo ezahlukeneyo. √

[Nasiphi isibini kwezi] (2)

ÉcoleBooks

13.6 Kukudlulisa ukuba yena ubuye noloyiso kuba ukwazile ukumoyisa uMaginy' inyathi isilwanyana esoyikwayo. √√ (2)

13.7 Yintsingiselo yokuba ungabokuqala ngokudela umntu kuba ubona indlela akhangeleka ngayo. √ Iindlela ebezimsizela ngayo ezinye izilwanyana uFudwazana ngexesha esiya kukhangela utshaba ibonisa ukuba bezimdelile ezinye izilwanyana. √√/ Ukutshintshana kwezilwanyana ukuya kukhangela utshaba de uFudwazana ashiyeke yedwa ibonisa ukuba bezingamjongelanga ntweni yena. √√

[Nayiphi na kwezi] (3)

13.8 Isikhahlelo u-A! Zilimbola. √ Isiphelo u-Ncincilili. √Izitanza azilingani ngokwemiqolo. √ Amagama antsonkothileyo. √ Ukusetyenziswa kwezafobe. √

[Naziphi na ezimbini kwezi] (2)

13.9 Sisikweko. √ (1)

13.10 Imbongi iyagxininisa ngenjongo yokubonisa intlonipho. √ Ukugcina unxibelelwano phakathi kwesihloko nomxholo wesibongo. √

[Nayiphi na kwezi] (1)

13.11 Zibonga/zincoma/zikhalime iinkosi √/ Ngabantu ababalulekileyo. √

[Nayiphi na kwezi] (1)

13.12 Uyinkosi √ (1)

13.13 Lo mqolo uthetha ukuba uZilimbola unesakhono sokusombulula iingxaki ezibonakala zinobunzima nobuntununtunu. √ (1)

13.14 Yimfanozandi √ (1)

13.15 Ityhila ukuba le nkosi inesakhono sokududa ide ibahlalise phantsi abanye abantu ngemihla yemidudo. √√ (2)

**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

ÉcoleBooks



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## ICANDELO C: IDRAMA

## UMBUZO 14 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

## *BUZANI KUBAWO* – WK TAMSANQA

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-29 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:**
Impixano lungquzulwano lwezimvo phakathi kwamacala amabini. Indidi mbini kukho eyangaphandle neyangaphakathi. Eyangaphandle yenzeka kumaqela amabini angaboni ngasonye ngomba othile. Eyangaphakathi yenzeka kumntu ngaphakathi kubethabethana izimvo kuye ngomba othile.

- Kule drama kubonakala impixano yangaphandle edalwa kukungaboni ngasonye phakathi kwabazali nabantwana okanye izizukulwana ezibini abazali nabantwana babo.
- Umba osetafileni kukubonelwa komfana intombi amakayizeke. Abazali bamelwe nguZwilakhe noMaGaba bengahambisani nonyana wabo uGugulethu.
- Kanti kwelinye icala uThobeka Mcothama nabazali bakhe nabo babambene ngazo kwangalo mba mnye kuba bafuna intombi yabo yendele kuGugulethu ngesivumelwano sabazali ngeli xesha uGugulethu eme entla efuna ukuzithathela uNomaMpondomise kaLangeni.
- Kunjalo,nekhaya lakwaLangeni limonqelwe kuba intombi yalo ayiziva ngoGugulethu ichitha isivumelwano ebesele sivuthiwe, ikhupha inkomo. Ulutsha luthi luthando phambili. Abazali bathi sisithethe nesiko phambili. Ngunomji.
- UZwilakhe ume ngelithi yena wabonelwa nguyise umfazi ngoko kufuneka kwenzeke njengoko kwakwenziwe kuye.
- UGugulethu umile naye uthi uyise ebethe akazukumfunza kuba mdala makangazami ukumfunza ngokumzekela. Sisihlahla sebali lale drama ke esi.
- Esizikithini sale ngxaki kukho uMaGaba ongumama kaGugulethu obone umfaneleko wentombi kaMcothama uThobeka, efanele umzi wakhe. Uyamthanda kodwa akananyana ngokwakuye, akhunjuzwe nguNozipho ukuba nanku uGugulethu wakhe makabonele yena.
- UMaGaba akungabi nasibindi sakuyivakalisa ngokwakhe kuGugulethu le mbono, uyinikezela kuZwilakhe onguyise kuGugulethu, amgxagxamise ngelithi isidima sakhe sobudoda kwela khaya sixhomekeke ekudluliseni kwakhe lo mba kuGugulethu.
- Uyinxiba ngoko nangoko uZwilakhe yena ayimele sele enqandwa likhaya amaHlubi-ukutsho oko noGugulethu ngokwakhe nabahlobo bakhe, esithi umele isiko.
- Imvisiswano iphela ngokuthi amaHlubi wona ngokwawo ayitolika ngokuitolika le ndaba yokubonelwa ngokwezizukulwana.
- Xa uGugulethu esithi ebelinde kuyise malunga nokuzeka yena uthetha ngokwelungelo ulinde ukulinikwa nguYise kanti uyise uctolika ngokuba nguye oya kubona intombi kuba sele ephekwe kule mbiza kaMaGaba yokuthatha uThobeka. Iyasuka imbambano.

- Kwelinye icala amaHlubi abona ukuba unyana ebenokuzibonela intombi boba bamzekele. Liphuhle isiko ngaphandle kwembambano. Kanti imbiza kaMaGaba iyabila esiswini sikaZwilakhe ufuna uThobeka ngesiko.
- IsiHlubi sahlulelene ngoku kukho esihamba noGugulethu nesihamba noyise.
- Ukusuka kule ndawo kujuba ugodo kuba, uGugulethu uqalwa yingulo yengqondo kuba naye sele ethembisene noNomaMpondomise kanti noyise uthembisene noMaGaba.
- UZwilakhe njengomntu wamandulo akakholelwa kwinto yokuthetha-thethana nomntwana emzala ulikhupha litsole elokuba kuza kwenziwa le nto ifunwa nguye akazukuzala umntwana aze azibone elawulwa kwanguye.
- Uyathelela uMzamo ongumhlobo kaGugulethu oyiswe. Impilo iya imshiya umhlobo wakhe, imka nayo nengqondo.
- UMthetho ubonisa ubungozi bokunyanzela umntu ngokumtshatisa nomntu angamfuniyo, eme uZwilakhe kwelithi makube waphule isiko uMthetho ngokubuza kumfana loo nto ancame.
- Ukusadulelana kuya kusiya kuba lo mtshato wenze iyantlukwano phakathi kukaGugulethu noNomaMpondomise de wamangalelwa kwiinkundla zomthetho. Oku kungatshatwa kusuba umphefumlo kaNomaMpondomise ngenxa yokuba ebesele ekhuphe neenkomo zikaMcunukelwa kuba esamkela uGugulethu ongasatshayanga ngaloo nqawa watshata uThobeka ngabula yena.
- Luya lunwenwa uthanda phakathi kukaGugulethu nekhaya lakhe ade abe ulishiya iminyaka angaze alubeke kuba engafuni kwayanyaniswa noThobeka.
- Impendulo ayinikayo inye nakusiphi isigaba uGugulethu, ithi, “Buzani kubawo”
- Ixhalabisa iijaji abefundisi le mpendulo de kuvele ukuba konke kudalwa ngumsantsa phakathi kwabazali nabantwana ngeembono malunga nomtshato.
- Oko liqhuba ibali bezikho izilumkiso azinikwayo uZwilakhe ngesenzo sokutshatisa ngenkani, kanti noGugulethu uyalunyukiswa ngokuluma ongezantsi ngelithi iziphumo zingazibi. Zibe zibi ke nyhani.
- Ubuzaza bale mpixano budula xa uGugulethu ebaxabela ngezembe uThobeka nabantwana bakhe bakuthunyelwa kuye nguZwilakhe okhalela ukuba akanakondlela enye indoda abantwana.
- Mhla ngetyala uGugulethu ugwetywa intambo, kubhubha uMaGaba ngokuzityisa ityhefu. Iba yiloo ndyikityha yokufa ngenxa kaZwilakhe ongafuni kuva mntu.
- Umantyi ochophele ityala akuwalandela amazwi kaGugulethu okuphendula ngokuthi “buzani kubawo” ufumanisa unozala wale ntetho atsho anike iziyalo kuZwilakhe nabazali bonke ababekho enkundleni ngobungozi bokunyanzela abantwana ngomtshato.
- Ekugqibeleni ngelokuzisola/ukuzohlwaya, uZwilakhe ucela ukuba kuxhonywe yena endaweni kaGugulethu kuba ungunobangela woku kuhlileyo kodwa uMantyi angavumi, aze abe ushiyeka neso singqukru nanjengoko bonke abantu befile ngenxa yeenkani zakhe.
- Ukwahluka kwamaxesha ezimbalini kwenze kwakho ukungaboni ngasonye kubantwana nabazali de kwakho le mbuqe yokufa kwabantu abangenasono ngesizekabani sokuzekela umntu engafuni okanye ukunganyamezelani kwabekhaya kwiimbono ngeembono abanazo.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



**UMBUZO 15 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**BUZANI KUBAWO – WK TAMSANQA**

**ISICATSHULWA I**

15.1 "Le nto akukayiyeki nangoku?" √ (1)

15.2 Ndiyangqina kuba uGugulethu ugqibele ebulala uThobeka nabantwana ngenxa yothando awayenalo kuNomaMpondomise. √√ (2)

15.3 AmaHlubi ahambisana noZwilakhe noNyaniso acinga ukuba isiko lokubonela kukuba utata azingele intombi enokuzekwa ngunyana wayo aze amcelele kanti amanye ahamba noGugulethu kunye noZweni atolika ngokuba unyana makazibonele intombi ayazise emaxhegweni aze amaxhego ayocela loo ntombi ibonwe ngunyana. √√ (2)

15.4 Ngumxholwana wothando oqulethe uGugulethu noNomaMpondomise abathandana ngeenjongo zokutshata kanti abazali babo bathi asilothando lwabantwana olwenza umtshato koko kukuthandwa ngabazali kwaza oko kwakhokhelela kwindyikityha yokufa. √√ (2)

15.5 Sesokuba sekukho isoka esele licele ukumtshata, kwaye sele lilobole. √√ (2)

15.6 Akubanga sisisombululo kuba uGugulethu obekhalele engasafuni kuthethisana nabazali bakhe ugqibele ebulala abantu efuna ukuzibulala naye, noNomaMpondomise kwelakhe icala uzibulele ngelikhalala imeko azibone sele ekuyo akwalunga nto. √√

[Nasiphi na isithathu esichanekileyo] (2)

15.7 UZwilakhe ulandele ukuqweqwediswa nguMaGaba ukuba azekele uGugulethu umfazi onguThobeka Mcothama. √/ Uthe eboniswa ecengwa nguMzamo namaHlubi akabahoya wanyanzelisa. √ / Uthe uGugulethu engafuni kutshata ebophe isandla wamtshatela ngokusayina iincwadi zokutshata √ / uthe uGugulethu engafuni ukugoduka wamthumelela uThobeka nabantwana angabaziyo ukuba ngabakabani. √

[Nayiphi na impendulo echanekileyo\ (3)

15.8 Azizange zihambelane kuba uGugulethu awayezikhuphela yena watshatiswa noThobeka waze uNomaMpondomise wazibulala ngokuzeyelisela emilanjeni. √√ (2)

15.9 Eyokuba uQavile uncamile/uyancama/uyanikezela. √

(Nayiphi na kwezi) (1)

15.10 Ngumbalisi. √ intshukumo yabanye abalinganiswa abangekho kwingxoxo√/ ulwazi ngabangenayo abazokubayinxalenye yengxoxo. √

(Nayiphi na kwezi) (2)

15.11 Ngokwale ncoko siva ukuba intombi izikhuphile iinkomo √/ abalinganiswa abakwincoko bancamile √/ abalinganiswa abakwincoko bayavuma ukuba bebenze impazamo kuba intombi ibingayifuni nto. √
(Nasiphi isibini kwezi) (2)

15.12 Unguvalithuba. √ kuba indima ayidlalayo encwadini ayingakanani uvezelwa nje ukuphuhlisa iinjongo ezithile. √√ (2)

15.13 Ababamelanga ngokwanelisayo abantu ababhinqileyo. Bangamagwala. uThobeka uziyeka abe yinto yokudlala yakwaZwilakhe, uthobeke ngaphezu kwesicelo √√/ Yena uNomaMpondomise uligwala kuba ukuzibulala akubanga sisisombululo akakuvanga ukutshata noGugulethu abekunqwenela encama ekhupha neenkomo zikaMcunukelwa. √√

**OKANYE**

Babamele ngokwanelisayo bathobekile, abanabundlongondlongo, Xa uNomaMpondomise ebenengxaki noGugulethu umse kwiinkundla zomthetho akakhange amgxagxamise esithubeni. √√ (2)
**[25]**

**UMBUZO 16 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

***INDLAL' INAMANYALA* – M. LAMATI**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabaviwa.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-29 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandeyo**.
Impixano lungquzulwano lwezimvo phakathi kwamacala amabini. Indidi mbini kukho eyangaphandle neyangaphakathi. Eyangaphandle yenzeka kumaqela amabini angaboni ngasonye ngomba othile. Eyangaphakathi yenzeka kumntu ngaphakathi kubethabethana izimvo kuye ngomba othile.

- Kule drama indlala ngunozala wempixano egqubayo phakathi kwabalambayo nabahluthayo kanti nangokubona phakathi kwezizukulwana nabo beqhutywa kwayindlala.
- Abantu abadala bayasenza isibindi sokwenza okungemthetho kuba befuna ukuphila ngeli xesha ulutsha luyichila loo mbono.
- Indlala idala umsantsa abahluthayo basebezisa abalambayo ukufumana intlutha engaphezulu kwale banayo ngokwenza abalambayo, banyobe, bebe iintsana bebela ukuba nabo bafumane kubutyebi abasele bekubo abangaphambili.
- uMaqhikizane unyobisa abafuna imisebenzi, uMagrazula unika abebe iintsana imalana yokuphila bacinge ukuba bazizityebi. Kanti bonke baya kuqubisana nomthetho xa uSiqhiwu esebenzisene nesipolisa. Iyatsha imithombo macala kuba ulutsha alufuni ukunyoba lufuna imisebenzi qha.
- Kwelinye icala idale iyantlukwano phakathi kukaMagrazula olixhwele nomthetho omelwe sisipolisa nabahlali abachaphazelekayo. Oku kwenze ukuba abafazi abasetyenziswa nguMagrazula bebe iintsana zabahlali.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



- Kuzo zozibini izakhiwana zale drama kugquba impixano yangaphandle. Izithako ezisetyenzisiweyo zempixano kusetyenziswe ulwimi olunqungunqungu oluqulethe ukuqumbelana, ukufungelana kunye nokulwisana, itsho impixano ibe ngunobangela wokuya phambili esinye isiganeko sizale esinye. Ezimbalwa kuzo zibalulwa ngezantsi;

- Kwisakhiwana esinoMagrazula ixhwele elaziwayo kubonakala impixano yangaphandle apho isipolisa siphazamisa iphulo likaMagrazula lokuthatha iintloko.
- Oku kubiwa kweentsana kumthatha uMamQhinebe noMaGatyeni kubafake kwimeko yokungaqondakali kubantwana babo.
- Luyakhula uthanda phakathi kwesi sibini kuba uMamQhinebe ugrogrisa ngokufuna zonke izinto awayemnike yona uMaGatyeni xa engavumi ukumlandela.
- Ngenxa yendlala uMaGatyeni noMamQhinebe bayagoba bagobele kumkhwa wokuba nokuxhwila iintsana bazithengisele ixhwele uMagrazula.
- Beba usana lokuqala lukamMakwedini ngempumelelo balusa kwaBhaca kanti bachukumise umthetho baphetha bebanjwa.
- Kwelinye icala kwangenxa yale ntlupheko abantwana bathi bakugqiba ukufunda phantsi kobo bunzima, bahlangabezana nobunzima bokungafumani ngqesho.
- UMaqhikizane uligosa elisebenza kwiiofisi zikarhulumente kwicandelo lezengqesho, ufuna abantu babhatale xa eza kubafumanisa umsebenzi atsho angavani uSiqhiwu nonina uMamQhinebe kuba uMamQhinebe ukhetha ukunyoba. USiqhiwu uwulandela lo mcimbi ade ambambise ngamapolisa uMaqhikizane.

(**Nayiphi na impendulo echanekileyo**) **[25]**

**UMBUZO 17 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***INDLAL' INAMANYALA* – M. LAMATI**

**ISICATSHULWA K**

17.1 "Kodwa ungandixeleli ngomtshato Sirhezu wam". √√ (1)

17.2 Ndiyangqina ukuba anyanisile kuba uMaqhikizane ukhe wazama ukuyichitha le ndlwana yabo ethembise uSiphokazi ngokumtshata, wancedwa lungenelelo lukaSiqhiwu. Sithetha nje uza kutshata noSirhezu ngokwedinga. √√ (2)

17.3 Luxhwilo lwabantwana obelusenziwa nguMamQhinebe noMaGatyeni phantsi kwesandla sikaMagrazula. √ kukunyobisa abantu abafuna umsebenzi phantsi kwesandla sikaMaqhikizane. √ (2)

17.4 Ukunyoluka kukaMagrazula noDlezinye kudale ukuba baxhaphaze oomama abahluphekayo ukuba bebe iintsana baze bawenza lo msebenzi umdaka. √/ ngenxa yokunyoluka nabo uMamQhinebe noMaGatyeni okuye kubakhulela bafune ukuhlala eNorth Crest bashiye izindlu zabo baqhubeka beba abantwana babhaqwa bavalelwa ejele √/ Ukunyoluka kukaMaqhikizane kumenze wenza isikizi lokuxhaphaza amantombazana aselula waze wavalelwa ejele. √

(Nayiphi kwezi.) (2)

17.5 Sesokuba ufuna ukuqale aphangele ezokwenzela umama wakhe izinto √√/ Sesokuba ufuna kuqale kubekho omnye umntwana wakowabo ophumeleleyo ukuze akwazi ukusala ehoye umama wakhe xa yena esiya emendweni. √√

(Nayiphi na kwezi.) (2)

17.6 Bekungayi kuba sisisombululo esichanekileyo kuba kukodwa kusisenzo solwaphulomthetho √√ / kuba kusisixhobo sokwenza abahluphekileyo bangaze bathathe nxaxheba ekukhuliseni ilizwe. √√

[Nayiphi na impendulo echanekileyo.] (2)

17.7 USiqhiwu ukuchasile ukunyoba waxolela ukwahluka kunina√ ubethethisa uSiphokazi ukuba ahlukane nokucinga ukuba ukunyoba kulungile √/ uthiyisele uMaQhikizane wade wabanjwa. √

[Nasiphi isithathu esichanekileyo.] (3)

17.8 Zange zihambelane kuba waqalisa akaqondwa kwanguMamQhinebe obembone elixhego kwaze kwiveki elandelayo wambona engumfana. √√ (2)

17.9 Eyokuba kanti uMalunyawana imali ayibizayo ngalo msebenzi ijonge phesheya xa sele ebanjwa. √

(Nayiphi impendulo echanekileyo) (1)

17.10 Ngumbalisi √ ulwazi ngeemvakalelo zabalinganiswa. √/ ulwazi ngentshukumo zabalinganiswa. √

ÉcoleBooks

(Nayiphi kwezi) (2)

17.11 UMalunyawana uwenza lo msebenzi wokutshintsha iimbuso ngenjongo yokukhothuluza imali kaDlezinye kuba ubiza imali eninzi equka nokuzikhusela emthethweni√/ uDlezinye ufuna ukuhlawula imali encinci ude uzimisele ukungacengi√/ uDlezinye ude umbiza ixhwili netshijolo uMalunyawana ngokungathi yena akalilo. √

(Nasiphi na isibini kwezi) (2)

17.12 Nguvalithuba. √ kuba indima ayidlalayo encwadini ayingakanani uvezelwe nje ukuphuhlisa injongo ethile. √ (2)

17.13 Bazotywe ngendlela enganelisiyo kuba uDlezinye ngoku kanye aze kwenza okubi naye uqina isibindi axelele uMalunyawana ngobuqili bakhe. √√

**OKANYE**

Bazotywe ngendlela eyanelisayo kuba uDlezinye uwuncomile umsebenzi njengomsebenzi owenziwe wayimpumelelo kwasuka kwahlazeka kwauDlezinye ngokungafuni ukuhlawulela inkonzo ayenzelweyo. √√

(Nayiphi impendulo echanekileyo) (2)

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## ICANDELO A: IRUBRIKI YESINCOKO SONCWADI: ISIHOBE [10 AMANQAKU]

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO** | **5–6** | **4** | **3** | **2** | **0–1** |
| Ukuhlalutywa kwesihloko, ubunzulu bengxoxo indlela azakuzela ngayo ingxoxo ukuwulandela kakuhle umhobe.<br><br>**6 AMANQAKU** | - Isihloko sitolikwe ngokunzulu.<br>- Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo.<br>- Kusetyenziswa isihobe.<br>- Impendulo ibonisa ulwazi olugwesileyo lwesihobe. | - Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo.<br>- Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo<br>- Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko bekufanelekile<br>- Impendulo ibonakalisa ulwazi lwesihobe. | - Isihloko sitolikwe ngokwanelisayo.<br>- Akho amanqaku axhasa isihloko kakuhle.<br>- Ezinye iingxoxo zixhasiwe nangona ingezizo zonke ezixhaswe ngokwanelisayo.<br>- Impendulo ibonakalisa ulwazi olusisiseko sesihobe. | - Ayanelisi indlela ekutolikwe ngayo isihloko/umbuzo<br>- Anqongophele kakhulu amanqaku okuxhasa isihloko<br>- Impendulo ibonakalisa ukuqhwalela kulwazi lwesihobe. | - Akanalwazi kwaphela ngesihloko<br>- Impendulo ayikho mxholweni wesihobe.<br>- Impendulo ibonisa ukulambatha kulwazi lwesihobe. |
| | **4** | **3** | **2** | **1** | **0–1** |
| **ISAKHIWO NOLWIMI**<br><br>Isakhiwo, ukuthungelana kwezimvo nendlela yokubhala. Ulwimi ithoni nesimbo sokubhala isincoko<br><br>**4 AMANQAKU** | - Isakhiwo siyathungelana.<br>- Ingxoxo ixongxwe kuhle kwaye zikhuliswe ngokugqwesileyo nangokucacileyo<br>- Ulwimi ithoni, nesimbo zivuthiwe, zinomtsalane zichanekile<br>- Igrama, upelo neziphumlisi azinaziphene kwaphela. | - Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana<br>- Ukuthunegelana kwengxoxo kuyalandeleka.<br>- Ulwimi, ithoni nesimbo zichanekile ubukhulu becala. | - Bukho ubungqina besakhiwo<br>- Isincoko sibonakalisa ukusilela kukuthungelana nokunamathelana<br>- Kwezimvo.<br>- Iziphene zolwimi zimbalwa, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ikakhulu. | - Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo.<br>- Ingxoxo ayicwangciswanga ngokukuko.<br>- Bukho ubungqina beziphene zolwimi.<br>- Ithoni nesimbo sokubhala azichanekanga. | - Isakhiwo sife amanqe<br>- Iziphene zolwimi ezingamkelekanga konke konke nesimbo esingachanekanga |

**QAPHELA:** Ukuba umviwa akawuchaphazelanga nakancinci umxholo, ubhale nje isincoko makanikwe i-0 kumxholo, isakhiwo nolwimi.

## ISIHLOMELO B: AMACANDELO B NO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO SONCWADI- INOVELI NEDRAMA [25 AMANQAKU]

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO**<br><br>**15 AMANQAKU** | **12–15**<br>-Impendulo igqwesile. 14–15<br>-Impendulo ebalaseleyo. 12–13<br>-Ukutolikwa okunzulu kwesihloko<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa uncwadi.<br>-Ukuqonda okubalaseleyo kwejenre netekisi. | **9–11**<br>-Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo.<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo. Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile.<br>-Impendulo ibonisa ulwazi lwejenre netekisi. | **6–8**<br>-Impendulo iphakathi, asiyiyo yonke imiba ekungenwe kuyo nzulu.<br>-Akho amanqaku asixhasa ngokufanelekileyo isihloko<br>-Ezinye izimvo zixhasiwe kodwa ubungqina abusoloko busamkeleka.<br>-Ulwazi lwejenre/netekisi alugqibelelanga. | **4–5**<br>-Buncinane ubungqina obubonakalisa ukusazi isihloko yaye kunqabile ukungena nzulu kwimiba ekubhalwa ngayo.<br>-Ambalwa amanqaku axhasa isihloko.<br>-Iimpendulo ezichanekileyo zimbalwa kakhulu.<br>-Luncinane ulwazi ngejenre netekisi. | **0–3**<br>-Buncinci kakhulu ubungqina obububo ukuqonda isihloko.<br>-Iimpendulo zisilele kakhulu ukuphendula umbuzo.<br>-Izimvo zibekwe ngendlela engacacanga konke konke.<br>-Alukho kwaphela ulwazi lwejenre netekisi. |
| **ISAKHIWO NOLWIMI**<br><br>**10 AMANQAKU** | **8–10**<br>-Isakhiwo siyathungelana.<br>-Intshayelelo nesiphelo esigqwesileyo.<br>-Ingxoxo yakheke ngokufanelekileyo yaze yakhuliswa ngokucacileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sivuthiwe, sinomtsalane, sichanekile. | **6–7**<br>-Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle.<br>-Intshayelelo nesiphelo kunye nemihlathi zicwangciswe ngendlela edala uthungelwano.<br>-Izimvo zithungelana ngokuchanekileyo.<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sisetyenziswe Ngokuchanekileyo ikakhulu. | **4–5**<br>-Bukho ubungqina besakhiwo obungagqibelelanga.<br>-Unamathelelwano nothungelelwano lwezimvo lukho, kodwa kukho iziphene.<br>-Zikho iziphene zolwimi ezithile, ithoni, nesimbo sokubhala sichanekile ikakhulu.<br>-Imihlathi ichanekile ikakhulu. | **2–3**<br>-Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo.<br>-Izimvo azithungelelani kakuhle.<br>-Iziphene zolwimi ziyabonakala.<br>-Ithoni nesimbo sokubhala asichanekanga.<br>-Imihlathi ineziphene. | **0–1**<br>-Ukungabikho koyiloo kwenza ukuba kungabikho thungelelwano lwezimvo.<br>-Iimposiso zolwimi nesimbo sokubhala esife amanqe kwenza ukungavakali kokubhaliweyo.<br>-Ayichanekanga ithoni nesimbo sokubhala<br>-Ulwakhiwo lwemihlathi ludlakadlaka. |
| **AMANQAKU** | **20–25** | **15–18** | **10–13** | **6–8** | **0–4** |

**QAPHELA:** Ukuba umviwa uwutyeshele ngokupheleleyo umxholo, suka wabhala isincoko esiya sephepa lesithathu, mnike u-0.

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM